Isalathiso: 20170303-8814
12/17/9
Imibuzo: T Cloete

INgcaciso eMfutshane yeCandelo lokuXhasa amaZiko ngeziBonelelo: 0001/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi beZifundo, kuBasebenzi be*SLES*, nakwiiNqununu nakooSihlalo bamaBhunga oLawulo ezikolo zikarhulumente eziziiprayimari neziziisekondari

Isihloko: Ukubhiyozela iVeki yeLayibrari yaseMzantsi Afrika ngo-2017 kwiSebe *iWCED*

1. ISebe lezoBugcisa neNkcubeko, ngokubambisana ne-*Library and Information Association of South Africa* (*LIASA*), libhengeze ukuba iVeki yeLayibrari yaseMzantsi Afrika (*SALW)* ka-2017, iya kubhiyozelwa ukususela nge-18 ukuya kwi-26 Matshi 2017 ngomxholo othi, "***My Library, Your library*"." ("ILayibrari yam, yiLayibrari yakho")**.

2. Lo mxholo ukhuthaza abantu abangabahlali bacinge nzulu ngendima nexabiso leelayibrari kubomi babo.

3. Ukwakhuthaza wonke umntu ayiqonde into yokuba iilayibrari zizindawo ezithandwayo ezinazo zonke iinkonzo nezibandakanya zonke iindidi zabantu *(one-stop, socially inclusive spaces*) zokuphucula ulwazi lokufunda nokubhala ngokuphuhlisa izakhono zokucinga nezengqiqo eyamkelekileyo kuzo zonke izigaba zobudala.

4. ISebe leMfundo leNtshona Koloni *(WCED*) likhuthaza ootitshala ukuba bathathe inxaxheba kukhuphiswano lwe-*LIASA* lukazwelonke i-*national LIASA, competition* ngokwenza oku kulandelayo:

   Emva kwe-*SALW* uyacelwa usixelele ezo zinto ubuzicwangcisile nokuba ngaba imisebenzi obuyicwangcisile ibe yimpumelelo kusini na ukuze ubenethuba elihle lokuphumelela ibhaso eliyihampa engachazwanga *(surprise hamper*) esisipho sika-**Wiley** nonokuyithatha kwivenkile engu-*Van Schaik store,* ekufutshane kuwe. Uyacelwa ungenele ukhuphiswano ngekhompyutha (*electronically)* uze uphendule le mibuzo ilandelayo (**le mibuzo iya kukunceda ngokunjalo xa ucwangcisela itheko/imisebenzi/imiboniso yakho**):

- Chaza **izicwangciso zakho ze-*SALW* 2017.**
- Bezisithini **iinjongo** zakho ngetheko/ngemisebenzi nangemiboniso obuyicwangcisile?
- **Ngoobani abantu ojolise kubo yaye** imisebenzi yakho ye-*SALW* 2017 **ibachaphazele njani abo bantu?**
- **Libe yimpumelelo** itheko/imisebenzi/imiboniso obuyicwangcisele i-*SALW* 2017? Ucinga ukuba kutheni le nto kumele abagwebi bacinge ngokuba bayinike ibhaso ilayibrari yakho?

Okubaluleke gqitha: Uyacelwa uthumele nge-imeyili zibe yi-4 ubuncinane, iifoto ezizi-***high definition photographs*** apha kulo: Liasamaig@gmail.com.

Umhla wokuvalwa kokhuphiswano: NguMvulo we-03 Apreli 2017
Ukungenela ngekhompyutha: https://goo.gl/forms/wSBuFXyVjlNs9MqH3
Imibuzo: Elsabé Olivier apha : elsabe.olivier@up.ac.za

Abaphumeleleyo baya kwaziswa ngefowuni okanye ngokuthunyelwa i-imeyili phakathi kwiveki ye-10 Apreli 2017. Sininqwenelela impumelelo yaye niyonwabele imisebenzi yenu!

5. Kunokuqhagamshelwana nala magosa esithili alandelayo ngokumalunga neenkonzo zelayibrari yesikolo:

Faith Lawrence	UMcebisi ngezeLayibrari yeSikolo, *West Coast Education District*	Ifoni 021 860 1562
Janine Ontong	UMcebisi ngezeLayibrari yeSikolo, *Cape Winelands Education District*	Ifoni 023 348 4657
Carol van der Heever	UMcebisi ngezeLayibrari yeSikolo, *Metro South Education District*	Ifoni 021 370 2084

6. Ukufumana iimpendulo zezicelo ezivela kootitshala zeengcebiso ngelayibrari yesikolo, makuqhagamshelwane nalo msebenzi wakwa-*EDULIS* ulandelayo e-*Kuils River:*

Timothy Cloete	UMququzeleli weeNkonzo zeLayibrari yeSikolo	Ifoni 021 957 9626

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE OBAMBELEYO WOCWANGCISO LWEMFUNDO
UMHLA: 2017-03-08